Downloaded from Stanmorephysics.com

Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

Iphondo leMpuma Kapa: Isebe leMfundo
Provinsie van die Oos Kaap: Department van Onderwys
Porafensie Ya Kapa Botjahabela: Lefapha la Thuto

# NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

## IBANGA 12

## SEPTEMBA 2025

# ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO IPHEPHA LESIBINI (P2)

**AMANQAKU:** **70**

**IXESHA:** **2½ iiyure**

Olu viwo lunamaphepha angama-32.

Downloaded from Stanmorephysics.com

**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Funda le miyalelo ngenyameko phambi kokuba uqalise ukuphendula imibuzo.

2. MUSA ukuzama ukufunda lonke iphepha lemibuzo. Yiya kwiphepha lesiqulatho elilandelayo uze uphawule amanani emibuzo esetwe kwiincwadi ozifundileyo kulo nyaka. Emva koko, yifunde le mibuzo uze ukhethe leyo ufuna ukuyiphendula.

3. Eli phepha linamaCANDELO amaNE:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | Inoveli | (35) |
| ICANDELO B: | Idrama | (35) |
| ICANDELO C: | Amabali amafutshane | (35) |
| ICANDELO D: | Isihobe | (35) |

4. Landela imiyalelo ekuqaleni KWECANDELO NGALINYE ngononophelo.

5. Phendula IMIBUZO emiBINI iyonke: umbuzo NGAMNYE ukhethwa NAKUWAPHI amacandelo amaBINI.

   ICANDELO A: INOVELI

   Phendula umbuzo kwincwadi yenoveli oyifundileyo.

   ICANDELO B: IDRAMA

   Phendula umbuzo kwincwadi yedrama oyifundileyo.

   ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE

   Phendula imibuzo esetwe kumabali amafutshane omaBINI.

   ICANDELO D: ISIHOBE

   Phendula imibuzo esetwe kwimibongo yomiBini.

6. Uluhlu lokukhangela lakukunceda.

7. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.

8. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

9. Ingcebiso yokulawula ixesha: Sebenzisa imizuzu engama-60 KWICANDELO NGALINYE.

10. Bhala ngokucacileyo nangokucocekileyo.

Downloaded from Stanmorephysics.com

**IPHEPHA LESIQULATHO**

Eli phepha liza kukunceda ukuba ukwazi ukukhetha imibuzo ofuna ukuyiphendula ngaphandle kokufunda lonke iphepha.

| INANI LOMBUZO | AMANQAKU | IPHEPHA |
|---|---|---|
| **ICANDELO A: INOVELI**<br><br>**Phendula NAWUPHI umbuzo OMNYE kwinoveli oyifundileyo.** | | |
| 1. *Kusa kusihlwa* | 35 | 5–8 |
| | | |
| 2. *Umqol'uphandle* | 35 | 9–12 |
| | | |
| 3. *UMonwabisi* | 35 | 13–16 |
| **ICANDELO B: IDRAMA**<br><br>**Phendula NAWUPHI umbuzo OMNYE okwinoveli oyifundileyo**. | | |
| 4. *Ndiyekeni* | 35 | 17–20 |
| | | |
| 5. *Inzala YamaRhamba* | 35 | 21–24 |
| **ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE**<br><br>**Phendula YOMIBINI imibuzo esetwe kumabali amafutshane.** | | |
| 6.1 *'Umhlahlo ngamehlo'* | 18 | 25–26 |
| 6.2 *'Ikhikhizela laseDangwana'* | 17 | 27–28 |
| **ICANDELO D: ISIHOBE**<br><br>**Phendula YOMIBINI imibuzo esetwe kwisihobe.** | | |
| 7.1 *'Ubudala'* | 18 | 29–30 |
| 7.2 *'Nangamso nyana weAfrika!'* | 17 | 31–32 |

Downloaded from Stanmorephysics.com

**ITSHEKLISTI**

**QAPHELA:** Phendula imibuzo emiBINI kumaCandelo amabini.
Phawula (√) amaCandelo owakhethileyo.

| ICANDELO | IINOMBOLO ZEMIBUZO | INANI LEMIBUZO EPHENDULWAYO | PHAWULA (√) |
|---|---|---|---|
| A Inoveli<br><br>(Kusa Kusihlwa)<br>*(Umqol'uphandle)*<br>(UMonwabisi) | 1–3 | 1 | |
| **OKANYE** | | | |
| B Idrama<br><br>*(Ndiyekeni)*<br>*(Inzala YamaRhamba)* | 4–5 | 1 | |
| **OKANYE** | | | |
| C Amabali amafutshane<br><br>('*Kanti andizenzanga*')<br>*('Ndakuyicela ivuthiwe')* | 6.1 + 6.2 | 1 | |
| **OKANYE** | | | |
| D *Isihobe*<br><br>*('Ubudala')*<br>*('Nangamso nyana weAfrika!')* | 7.1 + 7.2 | 1 | |

**QAPHELA:** Qiniseka ukuba uphendule imibuzo kumaCandelo amaBINI kuphela.

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ICANDELO A: INOVELI

Kweli candelo, kukho imibuzo esetwe kwezi noveli zilandelayo:

- *Kusa Kusihlwa* nguKS Bongela
- *Umqol'uphandle* nguMAP Ngani
- *UMonwabisi* nguZA Japhta

Phendula YONKE imibuzo ekwinoveli oyifundileyo.

### UMBUZO 1: *KUSA KUSIHLWA* – KS Bongela

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule noveli uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINI izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 1.1 noMBUZO 1.2.

1.1 Funda ngocoselelo esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA A**

Njengoko sesitshilo, lithe lakuyiva le nto iZizikazi kwanzima nokuba kuhle nokutya, andisathethi ngobuthongo. Ibekho nengcinga ethi makaqubule imoto ngoku aye kule ofisi isebenza uLungile afike abhodle lo msindo anawo ngale ndlela ufanelwe kukubhodlwa ngayo. Nakuleyo unqandiwe nguYolisa embonisa ukungalungi kokuthabatheka yinto ayiziselweyo.

"Uyabona Nomakhwezi kudala ndikuxelela ukuba yahlukana nokwenza amabhunga nale mitshotshololo yabafazi bale lokishi ungafika ilunguza iintamo iphixanisa ngolwimi. Khangela ngoku uxhaphe amagwebu ulukhofukhofu ngento ka 'ndiva'. Ufuna ukuya kuhlupha uyise kaMpumelelo emsebenzini endaweni yokuba umyeke afike ekhaya uyibuze kakuhle ngembeko into . . .

"Afike? Nicinga ukuba ndingalinda umntu oya kufika ngoLwesihlanu? Khona uya kufika? Nicinga ukuba undikhathalele? Uwukhathalele umzi wakhe nezinto zakhe? Uyandazi ukuba ndingumfazi? Uthi angalibala kukulala ehotele kanti uyazazi ukuba unekhaya? Ndiyaya ngoku kucace ecacayo, ndizazi indawo endikuyo. Kaloku andincanywanga kwaSoluthi, uyandiva dadobawo? Ukuba uLungile uzenza inja, mandiyazi loo nto namhlanje," utshilo lo mfazi seledlwayiza ukuhamba oku.

"Hayi mani phulaphula xa kuthethwa Nomakhwezi. Akungomntu wokuqala ukwenda, nokufumana iinzima. Ayizizo nanzima ezi ngaphandle nje kokuba uphanjaniswa lulwimi lwento ongakhange uyibambe ngokwakho. Le nto uyifuthuzelayo iza kukuphoxa ...
"Dabobawo! Ungakhe ulinge undixelele ngento yokwenda kwam, ungazange wenda wena.

Downloaded from Stanmorephysics.com

1.1.1 Xela elinye igama awayebizwa ngalo uNomakhwezi. (1)

1.1.2 Kwakutheni ukuze abe nomsindo ongaka uNomakhwezi kule ncoko yakhe nodadobawo wakhe? (2)

1.1.3 Caphula amazwi kwisicatshulwa angqina ukuba uYolisa akaqali kumnqanda uNokhwezi ukuba ayeke ukumamela iindaba azithuthelwa ngabafazi belali. (2)

1.1.4 Gqibezela esi sivakalisi silandelayo ngokukhetha impendulo echanekileyo kwinkcaza ekrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa. Isimo sikaNomakhwezi sichazwa ngendlela …

(a) (efihlakeleyo/engafihlakelanga). (1)
(b) Xela olu didi lozobo lusetyenzisiweyo ukumchaza. (1)

1.1.5 Khankanya zibe ZIBINI izizathu ezazibangela ukuba uNozililo alwe nabakwaNtsibande. (2)

1.1.6 Kunxulumana njani ubukho bukaYolisa kweli khaya kunye nesiganeko esibangele ukuba aphele edlala indima yobuzali kuMpumelelo? (2)

1.1.7 Ubukho bomlinganiswa onguThamsanqa kube luncedo njani kule noveli? (2)

1.1.8 Nika iimpawu zibe NTATHU ezibonisa ukuba uMpumelelo ngumlinganiswa oyintloko kule noveli. (3)

1.1.9 Ngqina ngolwazi olusebalini ukuba isenzo sikaNomakhwezi sokumthemba kakhulu uNozililo sibe neziphumo ezibi. (2)

**KUNYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com


1.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA B**

Emva kokuba kwenziwe amatheko kaMpumelelo ndawo-nye nokunikwa intsikelelo kwivenkile yakhe, izinto zibonise inguqulelo. Ivenkile yathanda ukuba nabantu abaninzi ngokumangalisayo, izale lide litshone ilanga. Le nto yenza ukuba uThamsanqa aqeshe abanye abantu bokuncedisa. Yayiqwela ukuzala ngempela-veki nangeeKrisimesi. <u>Nalaa nto kwakuxanjuliswana ngayo yaduka esithubeni kuba amagqwetha kaNozililo aminxwa kukulahleka kobungqina neencwadi zemvumelwano phakathi kukaSondlo noMosia</u>. Kwaba nzima ngakumbi akungafumaneki uMosia. Zaba ezo mali zikaNozililo nomyeni wakhe ziyatshona.

Sigqibelene nabo bevalelwe ngesityholo sokuncedisa nokuyila iyelenqe lokutshisa ivenkile kaMpumelelo. Athi akuba elugqibile amapolisa uphando, alifaka ityala. UNozililo wafuna igqwetha lokuba libathethelele. Ngenxa yokufa komntu owabulawa ngamapolisa, ityala lanyanzeleka ukuba liye ejajini.

Bakhanyela mpela ukuba babenento yokwenza nokuqulunqwa kweyelenqe lokutshisa. Ngenxa yokuba aba tsotsi babeqeshwe nguNozililo **babeyimigulukudu eyaziwayo**, kwaba nzima ukuba ingakholeleka inkcazo yabo. Negqwetha likaNozililo lavuthuza libonisa ukuba abantu abanesidima nabahloniphekileyo abanjengaba abanakuze bayenze into ephantsi olo hlobo nabantu abaziwa ngobugulukudu.

OoNozililo bayikhanyela into yokuba abevani nabantu bakwaNtsibande. Beza namangqina okubonisa ukuba babeziitshomi noNomakhwezi esaphila. Baba ngaloo ndlela bayaliphumelela ityala. Imigulukudu yashiyeka entolongweni idontsa iminyaka. Nakwesiya siganeko sokuhlatywa komntu emdanisweni kaMpumelelo, lakha lafuna ukumeyama ityala kodwa nalapho walibhebhetha.

1.2.1 Xela ukuba yintoni edibanisa uMosia notata kaMpumelelo. (1)

1.2.2 Chonga ibinzana kwisivakalisi esikrwelwe umgca kwisicatshulwa eliththetha ukuba ingxabano eyayikhona zange ihambele ndawo. (1)

1.2.3 Tolika inkcazelo ebhalwe ngqindilili kwisicatshulwa. (2)

1.2.4 Kuvezwe njani kwicatshulwa ukuba ooNozililo bathi bona babezizihlobo nooNomakhwezi besaphila. (2)

1.2.5 Khankanya ulwazi oluvumelana nokuba uNozililo uzotywe wangumlinganiswa onentliziyo engcolileyo kweli bali. (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com

1.2.6 Kwezi ziganeko zilandelayo chonga zibe ziBINI ezikwinqanaba lesisombululo sebali.

(a) UNomakhwezi noLungile babhubha kwingozi yemoto.
(b) Imigulukudu eyatshisa ivenkile kaNtsibande yagwetywa iminyaka idontsa entolongweni.
(c) ULungile uthenga ivenkile kuMosia
(d) UMpumelelo wakha isibhedlele esikhulu eLusikisiki (2)

1.2.7 Ngqina ukuchaneka kwegama athiywe lona uMpumelelo kule noveli. (2)

1.2.8 Wawunokuvakalelwa njani wena xa ubunguMpumelelo usiva ukuba uNozililo utshiselwe endlwini yakhe kweli bali? Xhasa impendulo yakho. (3)

1.2.9 Xela udidi elulo le noveli. Xhasa impendulo yakho. (2)
**[35]**

**AMANQAKU EWONKE 35**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**UMBUZO 2: *UMQOL'UPHANDLE* – MAP Ngani**

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule noveli uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo ziBINI izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 2.1 noMBUZO 2.2.

2.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA C**

Yayise ifudumele ngoku intokazi ngumsindo. Ithe khwitshi ukusuka phambi kwetyesi yempahla eyayimi phambi kwayo. Nakoo isenza izantya ukusinga ngasemnyango – mbakra ukuwuvala, iphuma njalo.
Ukuba yayilibele makube yayibangelwa ngumsindo kodwa yaqhwayiza kwezo zitalato ithe wambu umnweba wokuvuka nje kuphela, phezu kwesaa sibheshwana sisesinqeni. Kambe ke yambonzeleka phambili ingayeki – ukuqoshela oku izithe nkintshi imilenzana ngaloo mnweba.
Apho ifike yamisa khona kuphambi komnyango wegunjana lendlu, kweyona ngxingwa imnyama kweso sitalato. Ilungombe ngamandla ucango ukunkqonkqoza. Wakhala umntu ngaphakathi, "Ungubani?"
"Ndim, Sis'MamKhey – vula," iphendule ngelo intokazi.
"Nguwe lowo, Linda?" Kwangqinisisa umntu owayegoqozisa izinto ekucaca ukuba ziyazinyeliswa. Nemibuzo leyo yayiyeyokulibazisa nje.
"Ndim, Sis' MaMkhey."
<u>Uvulile uMaKheswa – eso sidudla sentokazi</u>. Wavela selethwele uncumo lwakhe lwesiqhelo – uncumo lwabo bonke oosomashishini. Umfazi lo wayendwebile, njengazo zonke iishibhini. Amehlo ayesele elaqalaqaza efuna ukuqonda ukuba akukho mntu uthe kanti uthe nca phandle ngasemnyango phambi kokuba alungenise undwendwe lwakhe. Akuba ezanelisile, uyalathise isihlalo le nzwakazi, eyinika esona simfumamfuma kuloo ndlu yakhe intle isimanga.
Ubuzile uMaKheswa, izandla sezihlikihla oku komthetheleli wemarike xa efuna ukuthengisa idlavu lento engenamsebenzi ngexabiso eliphezulu:
"Ubusithini sisi?"
Anjani amaqula namhlanje? Ndifun'into, nokuba yi-50."

2.1.1 Xela elinye igama awayebizwa ngalo uMaKheswa nguLinda. (1)

2.1.2 Kwakutheni ukuze uLinda abe nomsindo ongaka ngokwakwesi sicatshulwa? (2)

2.1.3 Caphula amazwi kwisicatshulwa angqina ukuba uLinda waphuma enxibe impahla yokulala. (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com

2.1.4 Gqibezela esi sivakalisi silandelayo ngokukhetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli kwinkcaza ekrwelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa. Inkangeleko kaMakheswa ichazwa ngendlela ...

(a) (efihlakeleyo/engafihlakelanga). (1)

(b) Xela olu didi lozobo lusetyenzisiweyo ukumchaza. (1)

2.1.5 Khankanya izizathu zibe ziBINI ezazibangela ukuba uLinda Monti abe ngumrhanelwa wokuqala kwityala lokubulawa kukaEddie nesinqandamathe sakhe uLulama Zuma. (2)

2.1.6 Kunxulumana njani ukundwendwela kukaLinda kwaMaMkheyi ngobu busuku kunye nesiganeko esibangele ukuvalelwa kwakhe? (2)

2.1.7 Ubukho bomlinganiswa onguDuma Hlelo kube luncedo njani kweli bali? (2)

2.1.8 Nika iimpawu zibe NTATHU ezibonisa uHlobo ukuba ungumlinganiswa oyintloko kule noveli. (3)

2.1.9 Ngqina ngolwazi olusebalini ukuba isenzo sikaLinda Monti sokuwathemba amalungu ase*Moonglow* sibe neziphumo ezibi. (2)

**KUNYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com

2.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA D**

"Linda, sithandwa sam," uqalile ukuthetha umshini: "NguEddie lo uthethayo. Ndifuna ukukuxelela ukuba komnye wemisonto yale *tape recorder* kukho incoko eyayiphakathi kwam nezihlobo zam zase*Moonglow* – uThembsie Ntlokonkulu, uThemba Mdoda, uKhulile Dungana noWelile Nzulube.

"Bandifikela endlwini ngomhla weshumi kuJanyuwari 1960. Le *tape recorder* ndiyivulele bengazi bona, ndayicholachola yonke incoko eyayiphakathi kwethu. Oko ndikwenze ngokurhanela into emva kokuba besisoloko singavisisani ngezase*Moonglow.*

Uya kuzivela nawe izinto abazithethileyo. Kambe mna andizifake ntloko. Yonke le ncoko ndisenakho ukuyisa emapoliseni koko andithandi. Ndinenkolo yokuba yonke **le mfungumfungu yabo yobe iduke esithubeni** – mhlawumbi emva kokuba ndibe ndathethathethana nabo. Eyona nto ingamandla, andifuni kubahlaza ngokubamangalela. Ndisafuna sincedisane nabahlobo aba bam kwiinjongo zethu zokwakha i*Moonglow.*
"Kodwa ke mandikucele, Linda wam, ukuba kwenzeke nantoni na kum, le *tape recorder* uya kubanakho ukuyifumana. Incoko le wosele uyidlulisela emapoliseni, abone into angayenza wona ngayo."

Waphela ke apho umsonto wokuqala.Uwukhuphile ke uHlobo esithi, "Ke ngoku ndifaka owona msonto unencoko kaEddie kunye namaqabane akhe."

Kuphinde kwee cwaka ... Wadlala umshini:
"Andiva Thembsie. Ubusathini?"
"Bendibuza Eddie ukuba lisaphila na kanene itopikazi kuKomani?"

2.2.1 Xela ukuba yintoni edibanisa uEddie namalungu ase*Moonglow*. (1)

2.2.2 Chonga ibinzana kwisivakalisi esikrwelwe umgca kwisicatshulwa elithetha ukuba uEddie wayengazikhathazi ngezinto ezazithethwa ngamalungu ase*Moonglow.* (1)

2.2.3 Tolika inkcazelo ebhalwe ngqindilili kwisicatshulwa. (2)

2.2.4 Kuvezwe njani kwisicatshulwa ukuba uEddie wayeneenjongo ezintle ngendawo yolonwabo i*Moonglow.* (2)

2.2.5 Khankanya ulwazi oluvumelana nokuba uThembisa Ntlokonkulu uzotywe wangumlinganiswa onyolukele imali kweli bali. (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com

2.2.6 Kwezi ziganeko zilandelayo chonga zibe ziBINI ezikwinqanaba lesisombululo sebali.

(a) UHlobo ubethwa ngentsimbi ebunzi ngumfana osebenza kwaLinda.
(b) UHlobo ufumana i*tape recorder* enencoko ekhokelela
(c) ULinda uvela enkundleni ebekwa ityala lokubulala uEddie noLulama.
(d) Amalungu ase*Moonglow* ayabanjwa avalelwe esiseleni emva kokubhaqwa enentsangu ayifumene kuMaMpondo. (2)

2.2.7 Ngqina ukuchaneka kwegama athiywe lona uLinda ngumbhali. (2)

2.2.8 Wawunokuvakalelwa njani wena xa ubunguLinda usiva ukuba amalungu ase*Moonglow* ngawo abulala uEddie. Xhasa impendulo yakho. (3)

2.2.9 Xela udidi elulo le noveli. Xhasa impendulo yakho. (2)
**[35]**

**AMANQAKU EWONKE 35**

Downloaded from Stanmorephysics.com


**UMBUZO 3: *UMONWABISI* – ZA Japhta**

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule noveli uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINI izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 3.1 noMBUZO 3.2.

3.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA E**

| |
|---|
| Wabalekwa ngabasebenzi ngenxa yaloo ngxolo yakhe kubo. Wayeqesha mihla le, kungekho uzimisele ukuba sisigculelo sakhe. Loo mashishini akhe athiywa ngegama lokuba kukwaNjazoth'umlilo ngenxa yaloo mpatho yakhe kubasebenzi. Laduma ke elo gama apho kuTsolo edolophini njengokuba elo likaThandabantu lalidume kwiilali ezingqonge loo dolophu. Wayesele enqabile nakwezo lali, loo venkile yakhe ilibhodlo eling'ong'ozileyo. Iivenkilana eziyingqongileyo zazibatsalela kuzo abathengi.Wokhumbula ke ukuba yona yayithe qelele kuneelali ezi, inxuse ihlathi ingqongwe zizithabazi zamasimi. Abathengi ke babesonqena ukuwuhamba loo mgama ungako ukuya kuloo venkile yakhe, bethenga kwezo zikufutshane nezindlu zabo. Kwaye naloo maqithi-qithi wayebabiza ngawo engasekho. <u>Ngenxa yokuxakeka edolophini uThandabantu, gxebe uNjazoth'umlilo</u>, wayesiya manqapha-nqapha apho eNtshiqo. Loo venkile yayisele iyindawo nje yokuhlalisa impahla egugileyo. Nangaloo maxesha athe wafika apho evenkileni wayesiya nje ukuya kujonga iqaqobana lemfuyo eyayisekhona nokusela uMonwabisi ukutya kuba yayinguye kuphela owayesahlala apho, kunye nabasebenzi abambalwa.Imfuyo yokuxhelela isilarha sakhe wayesele eyithenga kwiifama zabamhlophe kuba leyo yakhe yayivuthuluke incinci ingekho kwixabiso lokuba ingaxhelelwa ukuthengiswa. Abantu bakhe - loo maxhego namaxhegokazi wayewaxabisile ngaphambili, wayewalibele tu ngoku. Xa wawunokukhe ubalisele umntu ngendlela ekwakuyiyo kuloo venkile ngaphambili wayengekhe akholelwe wayenokuthi ubalisa intsomi emini. |

3.1.1 Xela elinye igama awayebizwa ngalo uThandabantu ngabantu bakuTsolo ngenxa yokukhohlakala kwakhe. (1)

3.1.2 Kwakutheni ukuze abalekwe ngabasebenzi bakhe uThandabantu? (2)

3.1.3 Caphula ibinzana kwisicatshulwa elichaza ukuba ivenkile kaThandabantu yayingasekho kwimo eyayiyiyo ngaphambili. (2)

3.1.4 Gqibezela esi sivakalisi silandelayo ngokukhetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli kwinkcaza ekrwelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa. Isimo sikaThandabantu sichazwe ngendlela ...

(a) (efihlakeleyo/engafihlakelanga) (1)
(b) Xela olu didi lozobo lusetyenzisiweyo ukumchaza. (1)

Downloaded from Stanmorephysics.com

3.1.5 Khankanya izizathu zibe ziBINI ezabangela ukuba uMaMtolo ayeke ukuya kwiintlanganiso zamakhosikazi aseNtshiqo. (2)

3.1.6 Kunxulumana njani ukuphumelela kukaThandabantu kwezoshishino kunye nesiganeko esibe ngunobangela wokutshintsha kwesimo sakhe ngokwebali? (2)

3.1.7 Ubukho bomlinganiswa onguMonwabisi bube luncedo njani kweli bali? (2)

3.1.8 Nika iimpawu zibe NTATHU ezibonisa ukuba uThandabantu ngumlinganiswa oyintloko kule noveli. (3)

3.1.9 Ngqina ngolwazi olusebalini ukuba isenzo sikaMamTolo sokufekethisa abantwana bakhe sibe neziphumo ezibi. (2)

**KUNYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com


3.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA F**

Bakuvuyela ke ukuza kuhlala nabo kukaMonwabisi kuba noko babe badala, izinto eziliqela sele kunzima ukuzenzela kubo. <u>Kwakuthe chatha ukuguga apho kuRhadebe, kodwa engavumi ukude anikezele ngakumsebenzi, phofu ke bethu kwakungekho mntu wayeza kuwunikezela kuye</u>. Ngoko ke wayengcambaza esiya, evuka ngonyezi livele ilanga sele kukudala esebenza. Wayengafuni ke nokuva ngokuhlala phantsi, engqondweni kuye esakhumbula ubuqhophololo bamhla mnene. Wayequqa qho kugqirha esisa le aphinde ase leya, **kuba umzimba ungasavumi**. Kungoko ke wavuya uMamTolo kukufika kukaMonwabisi kuba eqonda ukuba uza kukhe afumane ukuphumla umyeni wakhe. Bobabini babemazi indlela azimisela ngayo emsebenzini kwaye bengaphikisani ukuba ngenene yena wayewuthanda lo msebenzi. Wakhawulezisa umaMtolo wacebisa ukuba uRhadebe anikele kuMonwabisi ngomsebenzi ukuze ke yena amane emhlola kumsebenzi lowo awenzileyo. Wavumela phezulu uRhadebe sele naye ngoku ewuva umzimba ukuba awusavumi. Wakufumana njalo ke ukuphumla uHlubi koko kusebenza nzima kuloo mashishini akhe. Waphumla ekuvukeni ngonyezi esiya kuvula kuloo mashishini, ukuze aphinde abe ngowokugqibela ukuphuma kuwo kuba inguye kuphela ophatha izitshixo zawo. Ngoku yonke loo nto yenziwa nguMonwabisi, yena sele efika emini ngokuza kucebisa kule naleya.

3.2.1 Xela ukuba yintoni edibanisa uMaMtolo noRhadebe ekuthethwa ngabo kwisicatshulwa. (1)

3.2.2 Chonga ibinzana kwisivakalisi esikrwelwe umgca kwisicatshulwa elithetha ukuba yayimkile iminyaka kuThandabantu. (1)

3.2.3 Tolika inkcazelo ebhalwe ngqindilili kwisicatshulwa. (2)

3.2.4 Kuvezwe njani kwisicatshulwa ukuba uMaMtolo wabonwabela ubukho bukaMonwabisi emzini wabo. (2)

3.2.5 Khankanya ulwazi oluvumelana nokuba uMonwabisi uzotywe wangumlinganiswa onoxolo kweli bali. (2)

3.2.6 Kwezi ziganeko zilandelayo chonga zibe ziBINI ezikwinqanaba lesisombululo sebali.

(a) UGcinumzi ubhubha kwingozi yebhasi.
(b) Iintombi zikaThandabantu zibuyela ekhaya emva kokutsha nelizwe.
(c) UMonwabisi uqeshisa ngevenkile yakhe eseNtshiqo.
(d) UThandabantu wenzelwa itheko lokumamkela. (2)

3.2.7 Ngqina ukuchaneka kwegama athiywe lona uMonwabisi kule noveli. (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com

3.2.8 Wawunokuvakalelwa njani wena xa ubunguMaMtolo ngesenzo sokulahlekelwa ziintombi zakho ziduke nelizwe. Xhasa impendulo yakho. (3)

3.2.9 Xela udidi elulo le noveli. Xhasa impendulo yakho. (2)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 35**

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ICANDELO B: IDRAMA

Kweli candelo, kukho imibuzo esetwe kwezi drama zilandelayo:

- *Ndiyekeni* nguDM Jongilanga
- *Inzala YamaRhamba* nguM Mlokoti

Phendula NAWUPHI umbuzo OMNYE okwidrama oyifundileyo.

**UMBUZO 4: *NDIYEKENI* – DM Jongilanga**

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule drama uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINI izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 4.1 noMBUZO 4.2.

4.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA G**

| | |
|---|---|
| MADALA: | Ewe titshala uleqwa yini na ngorhaty'apha? |
| NDILA: | Amanz'angen'endlwini bawo. Sesezolo uLoni uvuk'umnyele undinyus'umnqantsa wentaba. |
| MADALA: | Ingaba intsusa-mabandla yintoni? |
| NDILA: | Into ebitheni na bawo, iluchuku nje lwabashumayeli. |
| MADALA: | UMawonga lo ucinga okokuba esi sikolo sesakwaLoni, kanti uqeshwe njengani nonke. |
| NDILA: | Ukuqeshwa yeny'intobawo, <u>ukhonya okweBhulu efameneni yalo</u>. |
| MADALA: | Ngaba sesi sanyankomo, ecinga ukuba isikolo esi ngamagqub'akhe. |
| NONCI: | Kanti makazi ukuba uDiksie lo naye uzalwa ngabantu njengaye, akaphumi zidulini. |
| MADALA: | Masango, khawuthule uza kuwona lo mcimbi. |
| NONCI: | Hi bantu benkosi! Ndathi ndivelana nomntwana kaMamCirha kanti nditheza olunenkume. |
| MADALA | Nisuke niquphe ukuthetha oku, nixhaph'amagwebu ningekayifumani nenyongo yento ekuthethwa yona ngobufazi obu benu – he! Mfanandini uza uphethe mcimbi mni kweli khaya, usithi mandombele ingoma? |

Downloaded from Stanmorephysics.com

| | |
|---|---|
| NDILA: | Tshangisa! Skhomo! Kudala undinyula ezinyuleni, namhlanje ndigxampuza kokaThisayo umgxobhozo. |
| MADALA: | Ngako oko inqanawa iya kufuna embombo imiqokozo. |
| NDILA: | Kunjalo kanye Tshangisa. UMawonga undityhola ngokunxila esikolweni into ke leyo endingazange ndiyenze ndinxila nje. Ukuba ndiyanxila ndizinxilela phaya ezingqaqeni kambe ke selendithembise ngomnyango. |
| MADALA: | Uyititshala yokuqala ukwenza loo nto? |
| NDILA: | Ndazi phi na Tshangisa, ngokuba isuthu ngathi liphume nam nje |
| MADALA | Hlala ndikuxelela ukuba uMawonga akanakumbeka |
| NDILA: | Eyona nto undibona ukungakwazi ukufundisa esisigqogqo oku kwakhe kuyo yonke le ngingqi |

4.1.1 Xela elinye igama ambiza ngalo uNonci uNdila. (1)

4.1.2 Kwakutheni ukuze uNdila afike sele eleqeka ngorhatya kwaMadala? (2)

4.1.3 Caphula amazwi kwisicatshulwa achaza ukuba uNdila uyibona iyinto nje engenabunzulu le imfake engxakini kuMawonga. (2)

4.1.4 Gqibezela esi sivakalisi silandelayo ngokukhetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli kwinkcaza ekrwelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa isimo sikaMawonga sichazwe ngendlela ...

(a) (efihlakeleyo/engafihlakelanga) (1)
(b) Xela olu didi lozobo lusetyenzisiweyo ukumchaza (1)

4.1.5 Khankanya izityholo zibe ziBINI awayebekwa zona uNdila nguMawonga. (2)

4.1.6 Kunxulumana njani ukugxothwa kukaNdila esikolweni kunye nesiganeko esibangele ukuba agwetywe kulo mdlalo? (2)

4.1.7 Ubukho bomlinganiswa onguNomawele bube luncedo njani kule drama? (2)

4.1.8 Nika iimpawu zibe NTATHU ezibonisa ukuba uNdila ngumlinganiswa oyintloko kule ncwadi. (3)

4.1.9 Ngqina ngolwazi olusebalini ukuba isenzo sikaZanele sokumthemba kakhulu uFuneka sibe neziphumo ezibi. (2)

**KUNYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com

4.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA H**

| | |
|---|---|
| MAZIKO: | Kamnandi. |
| MADALA: | Heke Titshala. Seluzithabathela isitulo eso, akukho bantwana apha. Isaphila inkosi yakho? |
| MAZIKO: | Iyaphila ingaphili noko. |
| MADABA: | Uthini na mfo kaMaziko? |
| MAZIKO: | Ndikuxelela inyaniso. Akusekho mntu tu. Ndilapha nje yiloo nto kanye. |
| MADALA: | Eyiphi mfo wam? |
| MAZIKO: | Awu! Wenzani kaloku bawo? Ndathi ndisandlala umcimbi wathanda ukundinquphela? |
| MADALA: | <u>Hayi mfo wam andikunqupheli, ndingagabangxi, intokunayo ngekuba ndithi zalela elubala.</u> |
| MAZIKO: | Sekumasuku bawo ndihambela lo mcimbi kweli khaya. |
| MADALA: | Owuphi kanene? Makhe sikhumbuzane kuba mininzi, **zaye azilali mbethe.** |
| MAZIKO: | Kudala bawo ndikuxelela ngoLoni ochitha isikolo. Phofu nditsho kuba inguwe. Lo mfo wayeka ukusebenza, yonke into isemagxeni kum. Ndingxamele ukusinda-sindana kungoku nje. |
| MADALA: | Ke lilonke uthi mandithini? |
| MAZIKO: | Mboneleni icebo uLoni. Andinakwenza umdovu womsebenzi ndingamkeli ngawo. |
| MADALA: | Ucebisa ukuba senze ntoni ke wena titshala? |
| MAZIKO: | Awu! Uya kuthini kaloku bawo ukuzenza ibhenqa ulizingela Ndize kukuvusa njengelungu lekomiti, nalungu lekomiti usihlalo. |
| MADALA: | Kaloku titshala kufuneka xa undulula umcimbi uqiniseke ngawo. Andimntu uthanda ukubamba intulo ngomsila. |

Downloaded from Stanmorephysics.com

| | |
|---|---|
| MAZIKO: | Uthetha ukuba animboni ukuba uLoni utshila ngesidanga sikaNdila? Iziphumo zizibi nje le minyaka mithathu, nithi zibangwa yintoni? |
| MADALA: | Ewe zinjalo zonke ezi zinto uzithethayo kodwa ke besisalindele intlonze singazi nokuba siya kufumana bani na endaweni yakhe. |

4.2.1 Xela ukuba yintoni edibanisa uMaziko noMadala athetha naye kwisicatshulwa. (1)

4.2.2 Chonga ibinzana kwisivakalisi esikrwelelwe umgca kwisicatshulwa elithetha ukuba uMadala ufuna uMaziko angene emxholweni wale nto aze ngayo. (1)

4.2.3 Tolika inkcazelo ebhalwe ngqindilili kwisicatshulwa. (2)

4.2.4 Kuvezwe njani kwisicatshulwa ukuba uMaziko ufuna ikomiti imgxothe uLoni emsebenzini. (2)

4.2.5 Khankanya ulwazi oluvumelana nokuba uMadala uzotywe wangumlinganiswa onyolukele imali kule drama. (2)

4.2.6 Kwezi ziganeko zilandelayo chonga zibe ziBINI ezikwinqanaba lesisombululo sebali

(a) UMawonga uzibulala ngokuzityisa ityhefu kwaFuneka.
(b) UNomawele uchazela usajini Njobe ngokwenzekayo kwaFuneka ngobusuku obuphambi kokucholwa kwesidumbu sikaMawonga.
(c) UNdila, Funeka noZanele balahla isidumbu sikaMawonga emfuleni
(d) Amapolisa afumana imvulophu enetyhefu ebhalwe Mnu D. Ndila nedilesi yakhe phantsi komatrasi kaZanele. (2)

4.2.7 Ngqina ukuchaneka kwegama athiywe lona uMaziko kule drama. (2)

4.2.8 Wawunokuvakalelwa njani wena xa ubunguThandiwe usiva ukuba uNdila ugwetywe ubomi etrongweni ngenxa yokubulala uMawonga? Xhasa impendulo yakho. (3)

4.2.9 Xela udidi elulo le drama. Xhasa impendulo yakho. (2)
**[35]**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**UMBUZO 5: *INZALA YAMARHAMBA* – M. Mlokoti**

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule drama uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINI izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 5.1 noMBUZO 5.2.

5.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA I**

| | |
|---|---|
| NYOKA: | Nkqonkqo! Nkqonkqo! (Ebusebeza) |
| DINA: | Ngubani lowo! – (Esothuka ebuthongweni). |
| NYOKA: | Ndim nguMlungu. Vula sisi ndim. (Esasebeza). |
| DINA: | Ngubhutiza? (Ethe tywa emandlalweni, ecubhuke onke amalungu omzimba). |
| NYOKA: | Ewe sisi ndim. |
| DINA: | Akutshixwanga ngena bhutiza. |
| NYOKA: | (Engena) Hayi bo, sowulele na ntombi? |
| DINA | (Ezamla) Ndisangqengqile bhutiza. |
| NYOKA: | Sana lwam. (Emwola emphuza engqengqa ecaleni kwakhe) |
| DINA: | Ewe Bhutiza! Hehehe! ... |
| NYOKA: | Unjani kodwa sana lwam – akhonto? |
| DINA: | Ndiphilile bhutiza akhonto. |
| NYOKA: | Yintoni na wena sana lwam wozela kangaka? |
| DINA: | Kukudinwa bhutiza, besonwabile wethu noSis Yongs. |
| NYOKA: | Kulungile sana lwam – makulalwe ngoku, yimpangelo kusasa. Ibe mna kufuneka ndivuke ndihambe kwangentsimbi yesithathu kusasa apha ngomso. |
| DINA: | *(Ecubhuke umzimba,kunzima nokuphakamisa ingalo)* – Hayi bo bhutiza, yintoni ukuvuka kangaka? |

Downloaded from Stanmorephysics.com

| | |
|---|---|
| NYOKA: | Hehehe! Hayi kaloku mna, njengosomashishini wale ndawo, akufuneki ndaziwe apho ndivuka khona. Kungenjalo kungalula ukuba ndigetyengwe. |
| DINA: | Hehehe! Hahaha! – Kowu! Andayihleka. |
| NYOKA: | Yintoni, uhleka ntoni? |
| DINA: | Hayi akukho nto bhutiza, ndihlekiswa yile nto uyithethayo. Ndihleka nangokuya ubujayiva phaya, hehehe! Isisu sakho, singasangcangcazeli. |
| NYOKA: | (Emnyumbaza) Ke yintoni ehlekisayo kuloo nto? |

5.1.1 Xela elinye igama ambiza ngalo uDina uThambolenyoka. (1)

5.1.2 Kwakutheni ukuze amalungu omzimba kaDina acubhuke onke ngobu busuku? (2)

5.1.3 Caphula amazwi kwisicatshulwa angqina ukuba uNyoka wayengafuni ukwaziwa ukuba ulala phi. (2)

5.1.4 Gqibezela esi sivakalisi silandelayo ngokukhetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli.

Kwinkcaza ekrwelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa inkangeleko kaNyoka ichazwe ngendlela ...

(a) (efihlakeleyo/engafihlakelanga) (1)
(b) Xela olu didi lozobo lusetyenzisiweyo ukumchaza. (1)

5.1.5 Khankanya amalungelo abe maBINI anikwa amantombazana aselula ngexesha efika eza kuqeshwa ehotele kwaNyoka. (2)

5.1.6 Sinxulumana njani isenzo sikaNoyongo sokulobela uDina kwihotele kaNyoka kunye nesiganeko sokugxothwa kwakhe? (2)

5.1.7 Ubukho bomlinganiswa onguGxalaba kube luncedo njani kulo mdlalo. (2)

5.1.8 Nika iimpawu zibe NTATHU ezibonisa ukuba Dina ngumlinganiwa oyintloko kule noveli. (3)

5.1.9 Ngqina ukuba isenzo sikaDina sokumthemba kakhulu uNoyongo sibe neziphumo ezibi. (2)

**KUNYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com

5.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA J**

| | |
|---|---|
| NYOKA: | Kulungile hambani nibuyele ebharini. Ndifuna ukwazi yonke into ngala mfazi. Kodwa ningamvundlisi, ningayi kuthi bhuu nonke phezu kwakhe. Omnye wenu makaye kuye khona ngoku. Ngomso siphinde sidibane kwakhona apha. Ndifuna ukwazi yonke into. |
| NOZICI: | Kulungile mlungu. |
| NYOKA: | Mnxim! Ingase ukhe uvale loo mlomo wakho ungathethi wena, mbi umphefumlo wakho. |
| NOZICI: | Hayi-bo! Mlungu |
| NYOKA: | Unevunjana apha elinuka muncu. Unento yokuthi ukuba uwuvulile lo mlomo wakho **kuthi khaphu isankqange sefuqasi,** bobu tywala uhlala uzinkcinkca ngabo. |
| NOZICI: | Hayi mntu wabantu, hayi inene. Ndiyanqwena ukumbona umfazi owakuzalayo. Hayi ndiyanqwena ukuwabona amabele owawanyayo inene. *(Atsho aphakame aphume. Alandele uNoyongo).* |
| NYOKA: | Mnxim, Noyongo! Uyilungisile laa nto ubundithembise ngayo wena? |
| NOYONGO: | Ewe Mlungu, kudala ese*Room 8.* Mhlawumbi sede walala nokulala ngoku. |
| NYOKA: | Kulungile sakubonana ngomso. |
| NOYONGO: | Ikhomishini yam kaloku Mlungu |
| NYOKA: | *(Emjamela ecaphukile)* Khawume maan ngekhomishini Noyongo. Ndithe siza kubonana ngomso. Ibe andikayazi nale nto undibekele yona phaya nokuba injani. Uza kuyifumana ngomso imali yakho. Ndakha andakubhatala kakade ngenye imini? |
| NOYONGO: | *(Aphume etsale ubuso)* Kulungile mlungu. |

5.2.1 Xela ukuba yintoni edibanisa uNyoka naba bantu athetha nabo kwisicatshulwa. (1)

5.2.2 Chonga ibinzana kwisivakalisi esikrwelwe umgca kwisicatshulwa elithetha ukuba uNyoka wayengafuni abasebenzi bakhe bamenze abe norhano lokuba uyaphandwa umfazi owayenxibe impahla emnyama ebharini yakhe. (1)

Downloaded from Stanmorephysics.com

5.2.3 Tolika inkcazelo ebhalwe ngqindilili kwisicatshulwa. (2)

5.2.4 Kuvezwe njani kwisicatshulwa ukuba uNozici wayethandabuza ukuba uNyoka ngumntwana ozelwe ngumntu kwesi sicatshulwa. (2)

5.2.5 Khankanya ulwazi oluvumelana nokuba uKuku uzotywe wangumlinganiswa onenzondo kule drama. (2)

5.2.6 Kwezi ziganeko zilandelayo chonga zibe ziBINI ezikwinqanaba lesisombululo sebali.

(a) UDina uyagxothwa kwihotele kaNyoka kuba ekhulelwe.
(b) UNoyongo usebenzisana namapolisa njengengqina eliphambili lenkundla.
(c) UKuku ubetha unyoka ngebhotile yophukela kuye.
(d) UThambolenyoka ugwetywa iminyaka engamashumi amabini anesihlanu ebhadla kwesimnyama isisele. (2)

5.2.7 Ngqina ukuchaneka kwegama athiywe lona uZanoxolo ngumbhali kweli bali. (2)

5.2.8 Wawunokuvakalelwa njani wena xa ubungumzali kaDina usiva ukuba umxhaphazi wontwana wakho ugwetyiwe ekupheleni kweli bali. Xhasa impendulo yakho. (3)

5.2.9 Xela udidi elulo ledrama. Xhasa impendulo yakho. (2)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 35**

Downloaded from Stanmorephysics.com

6.1.3 Caphula amazwi kwisicatshulwa angqina ukuba uTshayizule wayegugile. (2)

6.1.4 Gqibezela esi sivakalisi silandelayo ngokukhetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli.

Kwinkcaza ekrwelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa inkangeleko kaTshayizule ichazwe ngendlela ...

(a) (efihlakeleyo / engafihlakelanga) (1)
(b) Xela olu didi lozobo lusetyenzisiweyo ukumchaza. (1)

6.1.5 Khankanya izizathu zibe ziBINI ezazibangela ukuba uNompoxeko angathetheleleki de lichithwe ityala engagwetywanga uZolani. (2)

6.1.6 Kunxulumana njani ukuzikhusela ngenzipho kukaNonkanyezi kunye nesiganeko sokugwetywa kukaZolani ubomi entolongweni. (2)

6.1.7 Ubukho bomlinganiswa onguNonkanyezi enkundleni yamatyala ngomhla wetyala likaNompoxeko bube luncedo njani kweli balana? (2)

6.1.8 Nika iimpawu zibe NTATHU ezibonisa ukuba uZolani ngumlinganiswa oyintloko kweli balana. (3)

6.1.9 Ngqina ngolwazi olusebalini ukuba ukuzithemba kakhulu kukaZolani ngokwaphula umthetho kube neziphumo ezibi. (2)

**KUNYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com

***IKHIKHIZELA LASEDANGWANA* – LL Ngewu**

6.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA L**

UFanabekho akaphulaphulanga nanye kwizinto azixelelwe ngunina. <u>Ubevuka qho njengesiqhelo aqhawule ukutshon'edolophini, abuye eqhuba amatakane</u>. Ubukho bakhe uFanabekho bebufana nokungabikho kwakhe. Le meko uMaKheswa uyijonge wayijonga wabon'ukuba zange azale kule kule nkewu. Akukho nto abeluncedo ngayo ekhayeni lakhe, elalini yakhe, edolophini yakhe nakwisiqu sakhe.

Into ebebaluleke ngayo umfo kaFikizolo kukufaneleka kwakhe. Ebenxiba kakuhle athi chu ukuya edolophini, ethethela phantsi okwenene lamanene. Umntu odibene naye ebengalibali edibene nomntu kwaba bantu banqongophele kangaka. Enye yezinto ebengahlukani nazo liphepha-ndaba apha i-'Daily Dispatch'*.* Umntu omphandayo ukuba wenzani kanye ebengalibazisi athi uyi 'pharmacist' evunyiweyo.

Unina uMaKheswa uhambe wahamba wadinwa kukondla ahlambele **umququ nje olindele ukuphetshethwa ngumoya.** Bezikhe ziqengqeleke iintsuku uFanabekho engabonakali ekhaya, abuye nje xa eze kutshintsha impahla. Ngenye imini ubuyile wacela into etyiwayo kunina koko umhlolokazi akazihluphanga uphendule ngelipholileyo wathi, 'Ukuba ubuyinja yalapha ekhaya bendiza kuqukeza ndikwenzela ukudla kuba bendiza kuqiniseka ukuba ubuyile nje uza kukhonkotha ube nesidima umzi kaMbongo. Akukho nto indikhathaza nje ngale yokuba ukho, uthi kanti ukho nje kanti awukho. Ndixakiwe ke kuba uyihlo wayengenje ngawe lo, ukuba wayenjengawe ngendizixolisa ngelithi ikhikhizela liphum'esiqwini.

6.2.1 Xela ukuba yintoni edibanisa uFanabekho noMakheswa. (1)

6.2.2 Chonga ibinzana kwisivakalisi esikrwelwe umgca kwisicatshulwa elithetha ukuba uFanabekho wayebuya enxilile. (1)

6.2.3 Tolika inkcazelo ebhalwe ngqindilili kwisicatshulwa. (2)

6.2.4 Kuvezwe njani kwisicatshulwa ukuba uMakheswa wayekhathazwa kukuba ngungantweni kukanyana wakhe. (2)

6.2.5 Khankanya ulwazi oluvumelana nokuba uFanabekho uzotywe wangumlinganiswa ongenanyani kweli balana. (2)

6.2.6 Kwezi ziganeko zilandelayo chonga zibe ziBINI ezikwinqanaba lesisombululo sebali.

(a) Utata kaFanabekho ubhubha kwingozi yemoto.
(b) UFanabekho ubuyela ekhaya emva kweminyaka elishumi elinesixhenxe walahlekayo.
(c) UMaKheswa uya kusiyazi ngenjongo yokufuna umkhondo wokulahleka konyana wakhe.
(d) UMaKheswa uxelela uFanabekho ukuba makafune izingxungxo zomsebenzi elalini, avusele abantu iingcingo eziwileyo. (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com

6.2.7 Ngqina ukuchaneka kwegama athiywe lona uFanabekho ngumbhali. (2)

6.2.8 Wawunokuvakalelwa njani wena xa wawunokuba nguMaKheswa ngesenzo sokulahlekelwa ngunyana wakho aduke nelizwe? Xhasa impendulo yakho. (3)

6.2.9 Xela udidi elulo eli bali. Xhasa impendulo yakho. (2)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 35**

Downloaded from Stanmorephysics.com


## ICANDELO D: ISIHOBE

Kweli candelo kukho imibuzo esetwe kule mihobe ilandelayo:

- 'Ubudala' – S. Maputi
- 'Nangamso nyana weAfrika'' – S. Potelwa

Phendula yonke imibuzo ekwimibongo oyifundileyo.

**UMBUZO 7: *IVAMNA BAFAZI BOLUSU* – S. Maputi nabanye**

Funda izicatshulwa zemibongo ezilandelayo uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINI izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 7.1 noMBUZO 7.2.

7.1 Funda umbongo olandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA M**

**UBUDALA – S. MAPUTI**

Yingqokelela yeminyaka
O**bu**nga**bu**niyo o**bu**nkcuba-**bu**chopho **bu**yaka-yaka,
Iintlungu, amaqhwa, neenyakanyaka,
Amava, indyebo, nemixhaka,
Awe obhetyebhetye ngobuthathaka,
Kobu bomi athi ukubetheka,
Imibimbi ingasafihleki ithe qhaka,
Lutshaze unwele ludlakadlaka,
Chu njengelanga esibhakabhakeni,
Iindlela zikhombe engcwabeni,
Entshulile amava ekhonjwa empandleni,
Bekhweba behewula enyangweni,
Isizukulwana siza kushiywa enyanyeni,
Ngexesha elililo ubudala buse edlakeni.

7.1.1 Xela ukuba ithetha ngantoni imbongi kumqolo woku-1. (1)

7.1.2 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli.

Isixhobo sesandi esibhalwe ngqindili kumqolo wesi-2 sibizwa ngokuba (lundindwano/yimfanozandi). (1)

7.1.3 Nika isithethantonye segama, "amaqhwa" kumqolo wesi-3. (1)

7.1.4 Ngcinga ni eziswa yimiqolo 5 no 6 mibini yalo mbongo? (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com

7.1.5 Nika umfanekiso-ntekelelo oziswa libinzana elikrwelwe umgca ngaphantsi kulo mbongo. (2)

7.1.6 (a) Xela udidi lwesafobe esifumaneka kumqolo wesi-9. (1)
(b) Chaza ukuba sizisa ntsingiselo ni ngokwakulo mbongo. (2)

7.1.7 Tolika igama elikrwelelwe umgca ngaphantsi kulo mqolo ungezantsi.
Entshulile amava ekhonjwa empandleni. (2)

7.1.8 Chaza intsingiselo efihlakeleyo yebinzana elingezantsi:

"Indlela zonke zikhombe engcwabeni." (2)

7.1.9 Thelekisa isakhiwo sangaphandle somqolo we-12 nesomqolo we-13. (2)

7.1.10 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli ze uxhase impendulo yakho.

Lo mbongo (ngumbongo ochazayo/yisonethi). Xhasa impendulo yakho. (2)

**KUNYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com

7.2 Funda esi sicatshulwa sesibongo silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA N**

**NANGAMSO NYANA WEAFRIKA! – S. POTELWA**

Halala! Sikothul'el'umnqwazi, tshawendini!
Uliqhawe lethu, uliqhayiya lesizwe kwedini!
Xa silahl'izandla, sisith'ucimil'umlilw'ethemba,
Wena ubhaqe ntlantsana, wakhwezela waphemba;
De kwavel'idangaty'elikhanyisel'isizw'esiMnyama;
Lafudumez'iintliziyo ngethemba **baded'ubumnyama;**
Siyabulela kuwe nyana weAfrika sithi, nangamso!

Sithi tshotsh'ubekho, namhlanje nathi singabantw'ebantwini;
Sithi tshotsh'ubekho, namhlanje nathi ngoku sikhulil'ebuntwini;
Nangamso ke, mzukulwana kaMandela ngokuzenz'idini lesizwe;
Namhlanj' iAfrik' iyakukhahlela Diba ngokubonis'ubuthandazwe;
Siyazidla, siyazingca ngawe ntondini, sizingomb'izifuba;
Siyanyalasa sakh' amaxhaka kuba usivulel' amathuba.
Siyabulela kuwe nyana weAfrika sithi, nangomso!

Namhlanje nolweth'ulwim'eburhulumenteni luseluhlwini;
Phakathi kwazw' iilwimi ezihlonitshiweyo naseluntwini;
Namhlanje nesiXhosa sethu naso siyinteth' eseburhulumenteni;
<u>Ngoku nathi songqasha kamnandi ngokusesikweni;</u>
<u>Songqungqutha ngaso nakwezaseburhulumenteni</u>.
Tyhini! Akukho zithintelo ngoku sisenkululekweni,
Soluphuhlisa siluhlumise de nalo luhlonipheke;
Siyabulela kuwe nyana weAfrika, sithi nangamso!
Umlisela nomthinjana wezwe lethu uvuselel<u>ekile</u>;
Ithemba lengomso eliqaqambileyo lihlaziy<u>ekile</u>;
Xa likho ihlumelo nay' iAfrika yogqama iqaqambe;
Ngumhlanjan' osakhulayo kakad' olithemba lengomso;
Ngumgqekwan'osantshulayo kakad' olikhwezi lomso.

Sithi, huntshu! KuSombawo ngokusithumela wena mhlanguli;
Olixhiphuley'ulutsh'esandleni sotshab'ukuz'ikamva lingabuni.
Siyabulela kuwe nyana weAfrika sithi, nangamso!
Xolani sizwe umsebenz'uwugqibile;
Xolani lusaph'ugqats'ulufezile;
Xolani makholw' ukhol' uligcinile;
Ngoku lona icekwa lishiyeke nani;
Ngoku mzi kaNtu intyor'isele kuni;
Lala Sophitsh'o obekungawe konk'ukwenzile;
Lala khaliphandini eyakhw' indim'uyifincile.
Siyabulela khaliphandini eyakhw'indim'uyifincile.
Siyabulela kuwe nyana weAfrika sithi, nangamso!

Downloaded from Stanmorephysics.com

7.2.1 Khetha igama elibonisa ukuba imbongi iyamncoma uMadiba kumqolo woku-1. (1)

7.2.2 Nika intetho echasene nebinzana elibhalwe ngqindilili kumqolo wesi-2. (2)

7.2.3 Khankanya zibe ziBINI izizathu ezibangela ukuba imbongi ibulele ubukho bukaMadiba ngokwesitanza sesibini. (2)

7.2.4 Caphula amagama amabini azizithetha-ntonye kwisitanza sesibini. (2)

7.2.5 Khetha impendulo ibe NYE echanekileyo kwezi zilandelayo.

Umqolo we-13 usetyenziselwe ukubonisa:

(a) Ukuzidelela
(b) Ukuzingca
(c) Ukuzincoma
(d) Ukuzibulela (1)

7.2.6 Tolika okuqulethwe yimiqolo ekrwelwe umgca kwisitanza sesi-3. (2)

7.2.7 Isixhobo sohlalutyo esikrwelwe umgca kumqolo wama-23 nomqolo wama-24:
(Yimvano-siphelo/yimfanozandi/luphinda-phindo). (1)

7.2.8 Yintoni injongo yembongi yokusebenzisa imvano-siqalo kwimiqolo 31–33. (2)

7.2.9 Nika intsingiselo equlethwe ngumqolo wama-32. (2)

7.2.10 Unjani umoya wembongi kulo mbongo?
Xhasa impendulo yakho. (2)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO D: 35**
**AMANQAKU EWONKE: 70**

Downloaded from Stanmorephysics.com

Province of the EASTERN CAPE EDUCATION

Iphondo leMpuma Kapa: Isebe leMfundo
Provinsie van die Oos Kaap: Department van Onderwys
Porafensie Ya Kapa Botjahabela: Lefapha la Thuto

# NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

## IBANGA 12

## SEPTEMBA 2025

## ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO IPHEPHA LESIBINI (P2) ISIKHOKELO SOKUMAKISHA

**AMANQAKU: 70**

Esi sikhokelo sokumakisha sinamaphepha ali-16.

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ISIKHOKELO SOKUMAKISHA

1. Umfundi akavumelekanga ukuphendula ngaphezu kombuzo omnye kwijenra enye.

2. Ukuba umfundi unike iimpendulo ezimbini apho le yokuqala ingamkelekanga, ize le yesibini ibe yeyamkelekileyo, makisha le yokuqala **ungayihoyi** le yesibini nokuba yiyo ayiphendule kakuhle.

3. Ukuba imibuzo inonjolwe ngendlela engeyiyo, makisha ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwimemo.

4. Ukuba impazamo yopelo inika ntsingiselo yimbi kule ibilindelwe, musa ukunika inqaku kuloo mpendulo. Ukuba ayiyichaphazeli intsingiselo, nika inqaku ngokufanelekileyo.

5. Ukuba umfundi akazisebenzisanga iimpawu zocaphulo apho ayalelwe ukuba acaphule, **makangohlwaywa**.

6. **Kwimibuzo evulelekileyo**, akukho manqaku anikwa uEWE/HAYI okanye u-NDIYANGQINELANA/ANDINGQINELANI. Isizathu/Ukuxhasa/Ukungqina yeyona nto mayinikwe ingqalelo.

7. Akukho manqaku aya kwabelwa uYINYANI/ASIYONYANI okanye LULUVO/YINYANI. Isizathu/Ukuxhasa/Ukungqina yeyona nto mayinikwe ingqalelo.

Downloaded from Stanmorephysics.com


## ICANDELO A: INOVELI

## UMBUZO 1: *KUSA KUSIHLWA* – K.S. BONGELA

### ISICATSHULWA A

1.1 1.1.1 IZizikazi √ (1)

1.1.2 Wayeve ngoNozililo iindaba zokuba ubone umyeni wakhe ehleli etafileni nenzwakazi angayazanga ekucaca ukuba kulalwa kula hotele. √√ (2)

1.1.3 "Kudala ndikuxelela ukuba yahlukana nokwenza amabhunga nale mitshotshololo yabafazi bale lokishi ungafika ilunguza iintamo iphixanisa ngolwimi". √√ (2)

1.1.4 (a) Efihlakeleyo √ (1)

(b) Luzobo mayana √ (1)

1.1.5 (a) Wayefuna ivenkile kaNtsibande awayenebango kuyo kuba esithi yivenkile katatomncinci womyeni wakhe ngoko ke ililungelo labo. √ (1)

(b) Wayesithi uLungile akayonzalelwane yaseMlazi akanakusuka ngapha eLusikisiki azo kuthatha ivenkile efanele bona zinzalelwane zaseMlazi √/ wayesithi uLungile uyifumene ngamaqhinga loo venkile kutatomncinci wabo. √ (1)

1.1.6 Kunxulumana ngoba uYolisa naye wayekhona emotweni ngexesha abazali bakaMpumelelo befumana ingozi basweleke kuba wayehlala noNomakhwezi encedisa evenkileni. √√/ wayezalana noNomakhwezi kuba ungudadobawo kaNomakhwezi yena noMpumelelo basinda kule ngozi yemoto yokubhubha kwabazali bakaMpumelelo. √√ (2)

1.1.7 UThamsanqa nguye owaza kuncedisa kwivenkile yakwaNtsibande ngethuba uLungile wayexakeke kakhulu waza wathabathela kuye ulawulo lweshishini likaMpumelelo ngexesha yena wayesafunda emva kokubhubha kwabazali bakhe. √√ (2)

1.1.8 (a) Iziganeko zonke zebali zingqongene naye / Ibali liqala ngaye liphele ngaye √
(b) Ngumphembeleli wempixano ekhoyo ebalini √
(c) Unomnqweno afuna ukuba ufezeke enokwenza nantoni na ukuze ukufezekisa umnqweno wakhe √
(d) Unabachasi nabaxhasi. Ungunobangela wokuba ibali liqhubeke libheke phambili √

**[Naziphi na eziNTATHU kwezi.]** (3)

1.1.9 Ndiyangqina kuba iziphumo zokuthemba uNozililo zizo ezabangela ingxabano phakathi koNomakhwezi nomyeni wakhe baza baphela bebhubha kwingozi yemoto ngenxa yoxinzelelo awayenalo ngethuba eqhuba imoto besiya eStanger esenomsindo wolwimi awayeluve ngoNozililo. √√ (2)

**KUNYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**ISICATSHULWA B**

1.2 1.2.1 ULungile wathenga ivenkile kuMosia √ /utata kaMpumelelo noMosia bathengiselana ivenkile. (1)

1.2.2 Yaduka esithubeni. √√ (1)

1.2.3 Babengootsotsi abadumileyo. / √√ babezizikrelemnqa ezaziwayo. √√ (2)

1.2.4 Beza namangqina okubonisa ukuba babeziitshomi noNomakhwezi. √√ (2)

1.2.5 Ndivumelana nokuba uNozililo unentliziyo engcolileyo kuba wazama ngazo zonke iindlela ukuxabanisa uNomakhwezi nomyeni wakhe ngokumthuthela iindaba ezingeyonyani ngenxa yokuba efuna ukubuyisa isixhiba sevenkile ababeyibanga nomyeni wakhe. √√ / wathenga ootsotsi ukuba batshise ivenkile kaMpumelelo. √√ / wathenga ootsotsi ukuba baye kuqhekeza kwaze kwemka impahla exabisa amawaka amathathu anamakhulu amahlanu eerandi (R3 500). √√ (2)

1.2.6 B/ Imigulukudu eyatshisa ivenkile kaNtsibande yagwetywa iminyaka idontsa entolongweni. √

D/ UMpumelelo wakha isibhedlele esikhulu eLusikisiki. √ (2)

1.2.7 Ndiyangqina, lichanekile kuba ukwazile ukoyisa imiqobo abebekelwe yona nguNozililo wada waphumelela waba ngugqirha ophume izandla. √√/ uphumelele ukufunda wade wangugqirha nangona wayekhe wangathi ushiywa ziingqondo ngenxa yengozi yokusweleka kwabazali bakhe naye ekhona. √√ (2)

1.2.8 Ndandinokuvuya, √ kuba uMpumelelo sengasenabazali nje kungenxa yamayelenqe akhe, naye makeve ubuhlungu obu abuvise uMpumelelo. √√

Ndandinokungavuyi √ kuba naye ngumntu, bekungafanelekanga ukuba abulawe kabuhlungu ngolwa hlobo nokuba ebengcole kangakanani na. √√

**[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.]** (3)

1.2.9 Yinoveli engemiba yentlalo kuba idandalazisa iimeko zentlalo yabantu. √√ (2)

**[35]**

**AMANQAKU EWONKE: 35**

**OKANYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**UMBUZO 2: UMQOL'UPHANDLE – P.M. NGANI**

**ISICATSHULWA C**

2.1 2.1.1 Sis'MamKhey √ (1)

2.1.2 Wayenomsindo kuba ecinga ukuba inokuba unike uEddie ithuba lokuba ahambe nesinye isithandwa sakhe ukuya kumboniso bhanyabhanya. √√/ wayenomsindo kuba ecinga ukuba uzenze isibhanxa sikaEddie kuba kudala exelelwa ukuba ungudlalani kodwa yena engafuni kukholelwa ecatshukiswa nakukutyatyulwa ngumsesane wengeji kaEddie ongaxakekanga kodwa akade amtshate. √√
**[Nasiphi isiBINI kwezi mpendulo zingentla.]** (2)

2.1.3 "... ithe wambu umnweba wokuvuka nje kuphela, phezu kwesaa sibheshwana sisesinqeni √√ (2)

2.1.4 (a) Engafihlakelanga √ (1)

(b) Uzobo ngqo √ (1)

2.1.5 (a) Umpu oyi- 38 Automatic owadubula uEddie ngumpu kaLinda owalahlekayo. √

(b) Ileta eyabhalwa nguLinda esithi kuEddie akazokuphumelela ukuya naye kumboniso bhanya-bhanya makahambe nesinye isithandwa sakhe. √

(c) Ibhatyi yemink eyayinxitywe linenekazi elaliseRio ngomhla womboniso bhanya-bhanya ifana nqwa nekaLinda. √

**[Nasiphi isiBINI kwezi mpendulo zingentla.]** (2)

2.1.6 Kunxulunyaniswa nesiganeko sokufa kukaEddie ngoba uHlobo ukholelwa ukuba ngokuya kwakhe kwaMakhey aye kusela utywala wayeye kuqweba isibindi sokubulala uEddie noLulama ngompu wakhe oyi 38 automatic. √√ (2)

2.1.7 UDuma Hlelo wanceda ngokuchazela uHlobo nge-*tape recorder* awayeyiboleke uEddie enoshicilelo lwengxoxo eyayiphakathi kukaEddie namalungu ase Moonglow. √√ (2)

2.1.8 (a) Iziganeko zonke zebali zingqongene naye √

(b) Ngumphembeleli wempixano ekhoyo ebalini √

(c) Unomnqweno afuna ufezeke kwaye uxolele nantoni enokwenzeka ukuze ufezeke umnqweno wakhe. √ (3)

2.1.9 Ndiyangqina kuba uLinda wawathemba la malungu ngexesha esenza ngathi azokumvelela emva kwesehlo sokubulawa kukaEddie kanti wona azokunyengeza umpu kaLinda ukuze ityala linamathele kuye. √√ (2)

**KUNYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**ISICATSHULWA D**

2.2 2.2.1 Usebenza nabo √/ basebenza kunye. √ (1)

2.2.2 Andizifake ntloko. √/ andizinanzanga. √ (1)

2.2.3 Le nto bayithethayo ingabambekiyo ayizokuphelela ndawo. √√/ akukho apho iza kubasa khona le nto ingenasihlahla bayithethayo. √√ (2)

2.2.4 Ndisafuna ukuncedisana nabahlobo aba bam kwiinjongo zethu zokwakha *iMoonglow*. √√ (2)

2.2.5 Ndiyavumelana kuba uThembisa wayekwiyelenqe lokubulala uEddie kuba efuna kushishinwe ngentsangu eMoonglow. √√ (2)

2.2.6 B/ UHlobo ufumana *itape recorder* enencoko ekhokelela ekufunyanweni kwababulali bakaEddie noLulama.

D/ Amalungu ase*Moonglow* ayabanjwa avalelwe esiseleni emva kokubhaqwa enentsangu ayifume kuMaMpondo. √√ (2)

2.2.7 Lichanekile kuba ukwazile ukulinda ithuba elide engade atshatwe nguEddie. √√ (2)

2.2.8 Ndandinokuvuya √ kuba amalungu aseMoonglow ambulala kabuhlungu uEddie ngenxa yokunyolukela imali ngoko afanelwe kukujamelana nengalo yomthetho. √√/ ndandinokuvuya√ kuba igama lam ndinguLinda lihlambekile. √√/ ndandinokuvuya √ kuba ndihleli esiseleni ndingenatyala ngenxa yabo bendisulela ngetyala labo. √√

**OKANYE**

Ndandinokungavuyi √ kuba ukubanjwa kwawo avalelwe entolongweni akuzi kuwenza aphume eguqukile ngoko ke isimo sawo siya kuhlala siyingxaki eluntwini. √√

**[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.]** (3)

2.2.9 Yinoveli engophando kuba kuphandwa isishiqi setyala lokubulawa kukaEddie Mhaga noLulama Zuma √√ (2)
**[35]**

**AMANQAKU EWONKE: 35**

Downloaded from Stanmorephysics.com


## UMBUZO 3: UMONWABISI: ZAMA A. JAPHTA

### ISICATSHULWA E

3.1 3.1.1 UNjazothumlilo √ (1)

3.1.2 Wabalekwa ngabasebenzi ngenxa yengxolo yakhe kubo. √√/ wayebaphethe kakubi, ebabetha √√/ wayebangxolisa nokuba abenzanga nto kuba ecinga ukuba ungxolisa abo babembele imali. √√ (2)

3.1.3 Wayesiya manqapha-nqapha apho eNtshiqo. √√ (2)

3.1.4 (a) Efihlakeleyo √ (1)

(b) Uzobo mayana √ (1)

3.1.5 (a) Wayesithi abafazi baseNtshiqo bayammonela. √

(b) Wayeneentloni kuba ephoxwe ziintombi zakhe awayesoloko eqhayisa ngazo kwabo bafazi. √ (2)

3.1.6 Kunxulumana nesiganeko sokubhubha kukaGcinumzi kwingozi yebhasi, kuba kwatyholwa yena ukuba utyiwe yinyoka yakhe kuba esisityebi kukholelwa ukuba uthwele. √√ (2)

3.1.7 Ubukho bukaMonwabisi bube luncedo kuThandabantu kuba nguye owavusa amashishini kaThandabantu abuyela kwisimo sawo sangaphambili waza walanda neentombi zikaThandabantu ezazidukile zabuyela ekhaya. √√ (2)

3.1.8 (a) Iziganeko zonke zebali zingqongene naye √
(b) Ngumphembeleli wempixano ekhoyo ebalini √
(c) Unomnqweno afuna ufezeke kwaye uxolele nantoni enokwenzeka ukuze ufezeke umnqweno wakhe. √
(d) Unabachasi nabaxhasi.

**[Nasiphina siTHATHU kwezi.]** (3)

3.1.9 Ndiyangqina kuba uMamTolo ubanike yonke into abayifunayo ngexesha besesinaleni loo nto yabangela ukuba balibale ngeencwadi, baxabise ulonwabo notywala baza baphela besiyeka isikolo. √√/ baphele bengasixabisi isikolo kuba besoloko benikwa yonke into abayifunayo benemali yokuthenga utywala. √√ (2)

**KUNYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**ISICATSHULWA F**

3.2 3.2.1 UMamTolo yinkosikazi kaRhadebe/ Batshatile. √ (1)

3.2.2 Kwakuthe chatha ukuguga apho kuRhadebe. √ (1)

3.2.3 Wayengasenawo amandla. √√/ wayekhathazwa yimpilo. √√ (2)

3.2.4 Wavuya uMaMtolo kukufika kukaMonwabisi. √√ (2)

3.2.5 Ndiyavumelana ukuba uMonwabisi ngumlinganiswa onoxolo kuba akazange ambambele nqala uMaMtolo nangona wayemphethe kakubi emkhetha kwabakhe abantwana, waba luncedo kuMaMtolo noThandabantu ngokubuyisa iintombi zakhe ezazitshe nelizwe nokuvuselela amashishini wakhe sele ebhangile. √√ (2)

3.2.6 B/ Iintombi zikaThandabantu zibuyela ekhaya emva kokutsha nelizwe. √

D/ UThandabantu wenzelwa itheko lokumamkela. √ (2)

3.2.7 Ndiyangqina lichanekile kuba ukufika kwakhe ebomini bukaThandabantu ufike wamonwabisa ngendlela abe luncedo ngayo ngokumnceda aze necebo lokuhlangula amashishini akhe ekubhangeni kunye nokubuyisa iintombi zakhe kwamonwabisa uThandabantu. √√ (2)

3.2.8 Ndandinokukhathazeka √ kuba kubuhlungu ukulahlekelwa ngabantwana. Nokuba wayebafekethisile asiyonto imnandi ukungazi ukuba abantwana bakhe baphi na. √√ (3)

3.2.9 Yinoveli engemiba yentlalo kuba idandalazisa iimeko zentlalo yabantu ezifana nokuthwala nokukhulisa umntwana ongenabazali. √√ (2)

**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 35**

**OKANYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ICANDELO B: IDRAMA

## UMBUZO 4: NDIYEKENI: D.M. JONGILANGA

### ISICATSHULWA G

4.1 4.1.1 Diksie √ (1)

4.1.2 Wayefuna uMadala amthethelele kwintlanganiso yekomiti kuba uLoni efuna agxothwe ngenxa yokunxila emsebenzini. √√ (2)

4.1.3 Iluchuku nje lwabashumayeli. √√ (2)

4.1.4 (a) Efihlakeleyo √ (1)

(b) Uzobo mayana √ (1)

4.1.5 (a) Ukunxila emsebenzini ngexesha lesikolo √

(b) Ukuthuma abantwana utywala √

(c) Ukungafundisi eklasini √

**[Nasiphi isiBINI kwezi mpendulo zingentla.]** (2)

4.1.6 Isiganeko sokucholwa kwesidumbu sikaMawonga kuyanxulumana noNdila kuba nguye obe ngunobangela wokuba abe uMawonga uzibulele ngenxa yeyelenqe lakhe noFuneka kuba efuna ukuziphindezela kuMawonga kuba esithi wamgxothisa emsebenzini. √√ / Nguye noFuneka abathatha isidumbu sikaMawonga bayakusilahla Emfuleni bakuba bemfumana ebhubhile endlwini kaFuneka. √√ (2)

4.1.7 NguNomawele owaxelela amapolisa ukuba uMawonga wayenkqonkqoza kwaFuneka engavulelwa ngobusuku obuphambi kokucholwa kwesidumbu sakhe. √√ (2)

4.1.8 (a) Iziganeko zonke zebali zingqongene naye √
(b) Ngumphembeleli wempixano ekhoyo ebalini √
(c) Unomnqweno afuna ufezeke kwaye uxolele nantoni enokwenzeka ukuze ufezeke umnqweno wakhe. √
(d) Unabaxhasi nabachasi. √

**[Nasiphina isiTHATHU kwezi.]** (3)

4.1.9 Ndiyangqina kuba nguFuneka owamfaka kuLoni kuba efuna bamtyele imali senzo eso samfaka engxakini akuzibulala uMawonga kuba naye waye wagwetywa. √√ (2)

**KUNYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**ISICATSHULWA H**

4.2 4.2.1 UMadala lilungu lekomiti kwisikolo afundisa kuso uMaziko. √/ UMaziko lisekela nqununu kwisikolo alilungu lekomiti kuso uMadala. √

**[Nayiphina eNYE kwezi zingentla.]** (1)

4.2.2 Zalela elubala. √ (1)

4.2.3 Iindaba ziyahamba azihlali ndaweni nye. √√ (2)

4.2.4 Uthi kuMadala "mboneleni icebo uLoni" √√ (2)

4.2.5 Ndiyavumelana, uMadala uyinyolukele imali kuba ngexesha uNdila ezo kumcela ukuba amthethelele kwikomiti wamfuna imali yesinyobo. √√ (2)

4.2.6 B/ UNomawele uchazele usajini Njobe ngokwenzekayo kwaFuneka ngobusuku obuphambi kokucholwa kwesidumbu sikaMawonga. √

D/ Amapolisa afumana imvulophu enetyhefu ebhalwe Mnu D Ndila nedilesi yakhe phantsi komatrasi kaZanele. √ (2)

4.2.7 Ndiyangqina kuba nguye obase umlilo wokutshisa uNdila aphelelwe ngumsebenzi ikwanguye nobethundeza uNdila ukuba aziphindezele kuMawonga. √√ / Nguye noye kuMadala baza babiza abehloli ukuze uMawonga agxothwe kuqeshwe yena endaweni kaMawonga. / Ngumphembi wemililo. √√ (2)

4.2.8 Ndandinokuvuya √ kuba uThixo endiphendulele kwingxaki ebendinayo yokubhujelwa ngumyeni ndibe ndingakwazi ukuzilwela ngokwam. √√

**OKANYE**

Ndandingazokuvuya √ kuba ukugwetywa kukaNdila akuzokubuyisa umphefumlo womyeni wam. √√

**[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.]** (3)

4.2.9 Yintlekele kuba inesiphelo esinokufa nosizi. √√ (2)
**[35]**

**OKANYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com


## UMBUZO 5: INZALA YAMARHAMBA – M. MLOKOTI

### ISICATSHULWA I

5.1 5.1.1 Bhutiza √ (1)

5.1.2 Amalungu akhe ayediniwe kuba wayetyiswe isiyobisi. √√ (2)

5.1.3 ... njengosomashishini wale ndawo, akufuneki ndaziwe apho ndivuka khona. Kungenjalo kungalula ukuba ndigetyengwe. √√ (2)

5.1.4 (a) Efihlakeleyo √

(b) Uzobo mayana √ (2)

5.1.5 (a) Ayenikwa amagumbi amahle anento yonke ayidingayo. √
(b) Ayephathelwa neziselo. √
(c) Kwakufuneka achaze xa aphelelwe ziziselo kwibar fridge esemagumbini wawo ukuze azokugcwaliswa. √
(d) Ayesitya nantoni na ayifunayo ezenzela nje konke. √

**[Nasiphi isiBINI kwezi zingentla.]** (2)

5.1.6 Kunxulumana noNoyongo kuba nguye owalobela uDina kwaNyoka engathethanga nyani ngodidi lomsebenzi uDina aza kulwenza kanti uza kumxhaphazisa ngokwesondo ngoNyoka nabatyeleli ethengisa ngomzimba ukuze yena Noyongo afumane ikhomishini kuNyoka wade wabe uDina uyakhulelwa waze wabe uyagxothwa √√/ kunxulumana kuba nguye owayetyisa uDina iziyobisi emlungiselela noRoom 8 ukuze uNyoka amxhaphaze uDina ngokwesondo akugqiba ngaye amse kubatyeleli ukuze afumane imali wade wabe uyakhulelwa, akukhulelwa wagxothwa. √√ (2)

5.1.7 UGxalaba wancedisana noDina ukuyila iqhinga lokubamba uThambolenyoka ukuze agwetywe. √√ (2)

5.1.8 (a) Iziganeko zonke zebali zingqongene naye √

(b) Ngumphembeleli wempixano ekhoyo ebalini √

(c) Unomnqweno afuna ufezeke kwaye uxolele nantoni enokwenzeka ukuze ufezeke umnqweno wakhe. √ (3)

5.1.9 Ndiyangqina kuba ukuthemba kwakhe uNoyongo angamaziyo kumfake kwingxaki yokudlwengulwa nguNyoka. √√ /ube lixhoba lokuthengisiswa ngomzimba kubakhenkethi √√/ ube lixhoba lokutyiswa iziyobisi de angakwazi kwahlukana nazo. √√/ ube lixhoba lokuxhatshazwa de akhulelwe, akukhulelwa agxothwe. √√

**[Nayiphina eNYE kwezi zingentla.]** (2)

**KUNYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**ISICATSHULWA J**

5.2 5.2.1 Ngabasebenzi bakhe √ / ngabaqeshwa bakhe. √ (1)

5.2.2 Kodwa ningamvundlisi √ (1)

5.2.3 Kuvakale ivumba elibi elinganyamezelekiyo. √√ (2)

5.2.4 Hayi ndiyanqwena ukuwabona amabele owawanyayo inene. √√ (2)

5.2.5 Ndiyavumelana kuba uKuku oko apha ebalini wayemzondile uNyoka ngokumxutha ubuntombi bakhe wazimisela ukuba uyakuze aziphindezele, waze wakwenza oko ngokuthi ambethe ngebhotile wamshiya enelo nxeba libi ebusweni. √√

**OKANYE**

Andivumelani kuba ekuqaleni usebenzele uNyoka ethobekile, ubonisa ukungamfuni kuba noNyoka engasamsebenziseli kakuhle engezi namantombazana njengoNoyongo. √√ (2)

5.2.6 B/ UNoyongo usebenzisana namapolisa njengengqina eliphambili lenkundla. √

D/ UThambolenyoka ugwetywa iminyaka engamashumi amabini anesihlanu ebhadla kwesimnyama isisele. √ (2)

5.2.7 Ndiyangqina lichanekile igama athiywe lona uZanoxolo ngumbhali kuba uzame ngako konke anako ukuzisa uxolo phakathi koDina nabazali bakhe, ngangexesha uDina athenge incula kuba efuna ukuziphindezela kuNyoka wamnqanda ukuba angathatheli umthetho ezandleni zakhe. √√ (2)

5.2.8 Ndandinokuvuya √ kakhulu kuba uThixo endiphendulele kwintlungu ebendikuyo yokungalawuleki kukaDina ekhayeni nendingakwazanga ukuzilwelwa ngawam amandla. √√/ ndandinokuvuya √ kuba uNyoka ethe akuzenelisa wathi umntwana wam akukhulelwa wamgxotha ngoko makagwetywe ngezenzo ezimdaka. √√/ ndandinokuvuya √ kuba ulibulele ikamva lomntwana wam wade walixhoba leziyobisi ekufuneka mna mzali wakhe ndijongane neziphumo zokumxhaphaza emtyisa iziyobisi de kwafuneka aye kususwa itshongo yazo esibhedlele ngoko makabhadle ejele. √√

**OKANYE**

Ndandingenakuvuya √ kuba ukuvalelwa kwakhe agwetywe akuzokuyilungisa ingxaki nesimo asishiye emntwaneni wam oyintombazana. √√

**[Nayiphi impendulo esemxholweni iya kwamkeleka.]** (3)

5.2.9 Yintlekele- siyolisi kuba inesiphelo esibi ukanti kukwakho nemincili yokuphumelela kukaDina. √√ (2)

**AMANQAKU ECANDELO B: 35**

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE

## UMBUZO 6: UMHLAHLO NGAMEHLO – LL NGEWU

### ISICATSHULWA K

6.1 6.1.1 NguTshayizule. √ / nguTshawe √ (1)

6.1.2 Babesithi ummangalelwa sele egwetyiwe √√ (2)

6.1.3 Ebesele eluphele. √√ /Ebesele ephuthaphutha amashumi asibhozo eminyaka. √√ (2)

6.1.4 (a) Engafihlakelanga √

(b) Uzobo ngqo √ (2)

6.1.5 (a) Isigqebhezana awayesinxibe ngaloo mhla wodlwengulo saba ngumceli mngeni kuZolani. √

(b) Zange akhale ngenjongo yokubiza abantu ukuze afumane uncedo. √

(c) Zange azisebenzise iinzipho zakhe ezinde ukurwempa umdlwenguli √

**[Nasiphi isiBINI kwezi zingentla.]** (2)

6.1.6 Kuyanxulumana noNonkanyezi kuba yena uthe xa uZolani ezama ukumdlwengula wasebenzisa iinzipho zakhe ukuze zibe bubungqina bokuba uZolani ebezama ukumdlwengula waze wabe uyagwetywa uZolani. √√ (2)

6.1.7 Ubukho bukaNonkanyezi enkundleni yamatyala kube luncedo kuba usebenzise izizathu ezibangele ukulahlwa kukaNompoxeko lityala njengesixhobo sokuqinisekisa ukuba uZolani ugqibelisile ukudlwengula akugqiba aphume etshaya ngenxa yokuba engakhange azame ukuzikhusela ngeenzipho zakhe. Ukuzikhusela kwakhe kukhokelele ekugwetyweni kukaZolani ngenxa yokumdlwengula. √√ (2)

6.1.8 (a) Iziganeko zonke zebali zingqongene naye √

(b) Ngumphembeleli wempixano ekhoyo ebalini √

(c) Unomnqweno afuna ufezeke kwaye uxolele nantoni enokwenzeka ukuze ufezeke umnqweno wakhe. √ (3)

6.1.9 Ndiyangqina kuba wazithemba ukuba onke amatyala akhe uphuma etshaya kuwo waza waphindelela ukudlwengula nto leyo yabaneziphumo zokuba agwetywe ngenxa yobungqina obeza noNonkanyezi. √√ (2)

**KUNYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**ISICATSHULWA L**

**IKHIKHIZELA LASEDANGWANA – LL NGEWU**

6.2 6.2.1 UFanabekho ngunyana kaMakheswa. /UMakheswa ngumama kaFanabekho. √ (1)

6.2.2 Abuye eqhuba amatakane. √ (1)

6.2.3 Umntu ongazimiselanga ntweni. √√/umntu ohla esenyuka efuna into angayazio √√ (2)

6.2.4 Akukho nto indikhathaza nje ngale yokuba uthi kanti ukho nje kanti awukho. √√ (2)

6.2.5 Ndiyavumelana uFanabekho ngumlinganiswa ongenanyani kuba ngulo waxokisa unina esithi ebeyingcibi eyaziwayo kwaNobuhle waza wabalekiswa kukuba abazali babakhwetha ababhubhileyo befuna ukumbulala /waxokisa abantu esithi *uyipharmacist.* √√ (2)

6.2.6 B/ UFanabekho ubuyela ekhaya emva kweminyaka elishumi elinesixhenxe walahlekayo. √

D/ UMakheswa uxelela uFanabekho ukuba makafune izingxungxo zomsebenzi elalini, avusele abantu amacingo awileyo. √ (2)

6.2.7 Ndiyangqina, uFanabekho lichanekile igama alithiywe ngumbhali kuba ufane nje wakho emhlabeni akukho nto ebhadlileyo ayenzileyo. √√ (2)

6.2.8 Ndandinokuva kabuhlungu kuba akakho umzali owonwabayo engamazi ukuba umntwana wakhe uphi. √√√

**[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.]** (3)

6.2.9 Libali elingemiba yentlalo kuba lidandalazisa iimeko zentlalo yabantu. √√ (2)

**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 35**

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ICANDELO D: ISIHOBE

### UMBUZO 7: IVAMNA BAFAZI BOLUSU – S MAPUTI NABANYE

7.1 **UBUDALA – S MAPUTI**

7.1.1 Ithetha ngobudala √ (1)

7.1.2 Yimfanozandi √ (1)

7.1.3 Iingqele √ (1)

7.1.4 Uzisa ingcinga yokuba umntu ongomelelanga uye abetheke oyisakale ebomini, aze ave kabuhlungu √√ (2)

7.1.5 Ukushwabana kwenyama yomntu entanyeni ukubonisa ubudala. √√ (2)

7.1.6 (a) Isifaniso √ (1)

(b) Ubudala buthatha ixesha labo elide ukuya ekugugeni, abungxami. √√ (2)

7.1.7 Amava ayabonakala √√ / ayaziveza ukuba umntu kudala ekho emhlabeni. √√

**[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.]** (2)

7.1.8 Umntu athi akufikelela ebudaleni azilungise izinto zakhe kuba esazi ukuba ubomi bakhe buyasongwa ujonge engcwabeni. √√ (2)

7.1.9 Umqolo 12 wakhiwe ngamagama amathathu,waze umqolo 13 wakhiwa ngamagama amane. √√ (2)

7.1.10 Yisonethi √ kuba unemiqolo eli-14. √ (2)

**KUNYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com

7.2 **NANGAMSO NYANA WEAFRIKA! – S. POTELWA**

7.2.1 Halala! √ (1)

7.2.2 Kwavela ukukhanya √√ (2)

7.2.3 (a) UMadiba ubenze bangabantw'ebantwini. √

(b) UMadiba ubenze bakhul'ebantwini. √ /

(c) Uzenze idini lesizwe √

**[Nasiphina isiBINI kwezi.]** (2)

7.2.4 Siyazidla √ siyazingca √ (2)

7.2.5 B √ / Ukuzingca √ (1)

7.2.6 Nabo bayakusithetha bophele isiXhosa kwiingxoxo zobuRhulumente,kwaye bayakusithetha bengenalo nexhala kuba sivumelekile njengezinye iilwimi. √√ (2)

7.2.7 Yimvano-siphelo √ (1)

7.2.8 Kukugxininisa nokubethelela umba wokuba isizwe masizixolise ngokushiywa liqhawe uMadiba kuba yena eyakhe indima uyidlalile kwisizwe esimnyama. √√ (2)

7.2.9 Umsebenzi wonke uwugqibile √√ (2)

7.2.10 Umoya wembongi wonwabile ngoba incoma imisebenzi emihle kaMadiba. √√ (2)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO D: 35**
**AMANQAKU EWONKE: 70**

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha